Umteteli wa Bantu
(Johannesburg)
September 4th, 1926.

## Sabelani Niyabizwa Balindi

### (Yimbongikazi Nontsizi Mgqwetto).

Taru mhleli ngesituba sezi mbongi, asinakutula umhlaba ubolile; Befundisi! u Tixo uyatanda ukuba masiyazi inyaniso, siyaziswe nini. Yitengeni ke inyaniso ningayitengisi. Bakonana ke pakati kwetu abalindi, abanoku sazisa inyaniso njengo Nowa, ukuba zesinga tshabalali? Nabanje ngo Jona, owaye tunyelwe e Ninive; nabanje ngo Johane Umpehleleli. Owati ndili Lizwi lalowo udandulukayo entlango. Sinabona ke tina abo bashumayeli banjalo? Nandzo izigebenga ezweni lako mfundisi, uyayana ematyolweni, ukuya kuziguqula? Nabo ubunxila oboyikekayo, uyayana kwezo zindlu ze mbara ukuya kuvuselela ngelizwi lo Yehova? Mhlaumbi woyika ukubetwa sinina? U Yesu yena wayehamba kwezo ndawo, engakete zindlu zabantu abahamba ecaweni kupela. Laye ilizwe lalinge nakuze lilunge nakanye ukuba ezo yayizimfundiso zika Yesu. Konakele ke nangoku e Afrika ngenxa yemfundiso zetu bazi bezi Bhalo,

Uyabatandazelana bona abagulayo mfundisi, mhlaumbi uketa obaziyo kupela, abanye akunanto nabo. Uyasibuzana kona ngabazali betu, ukuba bapina nokuba bayintonina apo bakona? Uyasibuzana kona ngale mitshato nisitshatisa yona, ekuseni, liti litshona sibe sesahlukene? Udlula pina wena mfundisi? Nanjanina? Kweli qina liti abo bamanyiweyo ngu Tixo, ze banga hlulwa mntu;—Camagu!!

Make sibulele kwiroti lokulwa
Loyisa intshaba zonke ke zapulwa
Latyumza ukufa nenyoka endala
Ukuze sisinde kwawetu amatyala

Namhlanje simlesesha Emqulwini.
Njengo Msindisi esinga ezulwini
Wababiza nabayame nge ntaba
Ze abenzele ibali lezo nceba

Abafundi e Afrika mabavuke
U Yehova ubamema ngako konke
Banyuse ingxelo namhla bakumbule
Ezigusha zabo zite r'er'elele.

U Davedi wati kwakonakala
Waka amanzi equla apalala
Pambi ko Yehova ecamagushela
Nawe ke Afrika lila ungcangcazela.

U Davedi wati kwakonakala
Waka amanzi equla apalala
Waza wenjenjalo amaxa ngamaxa
Wena unyabile nje, utini ngelixa? Uyabizwa!

Vuka mpopoma yendumiso e Afrika
Uvuselele' Ntlango ze Tanganyika
Nisasaze ezo ndaba nge Tempile
Nenze isijwili ngazo nikumbule, Sabela!!